ICandelo leKharityhulam yeGET			ISICWANGCISO SOKUFUNDA
Isifundo	**IsiXhosa uLwimi lwaseKhaya**	**Kota**	**1**
Ibanga	**7**	**Iveki**	**1-2**
IQHAGAMSHELWE KWISICWANGCISO SOKUFUNDISA NOKUHLOLA	• Ukumamela ibali aze umfundi aphendule imibuzo. • Ukuhlalutya ibali • Abafundi baza kuziyilela ezabo izincoko ezibalisayo: Ugxininiso kwinkqubo yokubhala • Abafundi bazakuhlahlela izibizo kunye nolungiso lweemposiso		
IZAKHONO	• **Umxholo:** • Ukufunda amabali		
UKUDIBANISA	• Abafundi mabafunde yonke imihla .		
Oovimba lincwadi: Incwadi yomfundi Incwadi yokufunda Incwadi yokusebenzela yeDBE	**Oovimba abafumaneka nge-intanethi:Snapplify** https://wcedeportal.co.za/curriculum-supporthttps://wcedeportal.co.za/partners/#103031		
IMISEBENZI KATITSHALA	**IZAKHONO** **(Ndiza kufundisa ntoni/isikhokhelo/inkxaso…)**	**lindlela zokufundisa/ uyenza njani** **(Ndiza kuyititsha njani/isikhokhelo/inkxaso…)**	**Oovimba** **(Ndiza kusebenzisa ntoni ukufundisa/isikhokhelo/inkxaso…)**
	UkuPhulaphula nokuThetha: **UKUMAMELA IBALI**	• Makuqikelelwe ukuba itekisi iza kuba ngantoni ngokujonga emfanekisweni nakwisihloko. • Utitshala makaxoxe nabafundi ngamava abo ngale mifanekiso. • Utitshala makafundele abafundi ibali bona bengenalo phambi kwabo. • Makuphendulwe imibuzo emva kokuba abafundi bebefundelwe kathathu ibali.	**Snapplify** https://wcedeportal.co.za/curriculum-supporthttps://wcedeportal.co.za/partners/#103031 Masikhanyise ibanga 7 Zibenza Zibutya ibanga 7
	UkuFunda nokuBukela: **UKUFUNDA IBALI**	• **Phambi kokufunda** :Makuqikelelwe okuza kufundwa ngako ebalini. • Umfundi makabalekise amehlo akhangele isigama angasiqondiyo. • Makucaciselwane ngesigama kubhalwe kwincwadi yesichazi magama, • **Ngexa lokufunda**:Utitshala makafunde nabafundi kumane kubuzwana imibuzo, ukujonga ukuba abafundi bayalilandela na eli bali. **Emva kokufunda**:Makuhlalutywe ibali phantsi kweengongoma umfundi azinikiweyo kumsebenzi wokufunda	
	UkuBhala nokuNikezela:	Umntwana makenze uyilo lwakhe lokuqala elandela imigaqo yokubhala. Makabhale ngesihloko asinikiweyo kumsebenzi wokubhala.	

	UKUBHALA ISINCOKO ESIBALISAYO		
	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:	Umsebenzi woLwimi: izibizo kunye nolungiso lweemposiso	
IMISEBENZI YABAZALI	UkuPhulaphula nokuThetha: **UKUMAMELA IBALI**	• Makuqikelelwe ukuba itekisi iza kuba ngantoni ngokujonga emfanekisweni nakwisihloko. • Umzali makaxoxe nomntwana ngamava akhe anawo ngalo mfanekiso. • Umzali makafundele umntwana ibali yena engenalo phambi kwakhe. • Makuphendulwe imibuzo emva kokuba abafundi befundelwe kathathu isicatshulwa.	Magazines Iphephandaba Isichazi magama
	UkuFunda nokuBukela: **UKUFUNDA IBALI**	• **Phambi kokufunda** :Makuqikelelwe okuza kufundwa ngako ebalini. • Umfundi makabalekise amehlo akhangele isigama angasiqondiyo. • Makucaciselwane ngesigama kubhalwe kwincwadi yesichazi magama, • **Ngexa lokufunda**:Umzali makafunde nomntwana, makumane kubuzwana imibuzo, ukujonga ukuba umntwana uyalandela na? • **Emva kokufunda**:Makuhlalutywe ibali phantsi kweengongoma umfundi azinikiweyo kumsebenzi wokufunda	
	UkuBhala nokuNikezela: **ISINCOKO ESIBALISAYO**	• Umntwana makenze uyilo lwakhe lokuqala elandela imigaqo yokubhala. Makabhale ngesihloko asinikiweyo kumsebenzi wokubhala.	
	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:	• Ncedisa umntwana aphendule imibuzo yoLwimi: izivakalisi ezimbaxa kunye nolungiso lweemposiso	
IMISEBENZI YABAFUNDI	1. **Ukuphulaphula nokuthetha** • Ukumamela ibali ze umfundi aphendule imibuzo. 2. **Ukufunda nokubukela** • **Phambi kokufunda**:Umzali okanye utitshala mabaqikelele okuza kwenzeka ebalini bencediswa ngumfanekiso nesihloko • **Ngexa lokufunda**: Makufundwe ibali, kumane kuzwa imibuzo. • **Emva kokufunda**:Makuhlalutywe ibali phantsi kweengongoma umfundi azinikiweyo kumsebenzi wokufunda. 3.**Ukubhala nokunikezela** • Ukuzibhalela isincoko esibalisayo elandela imigaqo yokubhala. Uyilo lokuqala 4. **Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koLwimi:** • Izibizo kunye nokulungisa iimposiso		

UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA

UKUMAMELA IBALI AZE UMFUNDI APHENDULE IMIBUZO

Phambi kokufunda umfundi makaqale aqikelele ukuba ibali aza kulimamela liza kuba ngantoni. Umfundi makakrwaqule le mifanekiso adibanise nesihloko aqikelele ukuba kuza kuthethwa ngantoni

Zimisele izokutshintsha imeko yakho

ULuyolo wayengumhlali wasezilalini ehlala kunye nosapho lwakhe, ibilusapho noko olungathathi ntweni ngokwasekuhlaleni kuba belungafundanga.Bebexhomekeke kwimali yesondlo. Ubume bezindlu zeli khaya bezinika usizi xa uzijongile kwakunye nabanikazi bawo. Lo mzi ubujikelezwe yimizi ekhanyiselweyo ngokwemfundo, kwaye imihle, inombane besebenzisa oomatshini abancedisa ekukhanyiseni. Utata uLuyolo **ubezele ophul' uluthi.** Abantwana babo bakhule beyithanda imfundo kodwa abanye babo bangayi ndawo ngenxa yemali engekhoyo. Ngenxa yobukrelekrele kwabantwana ,kwavela titshalakazi ithile ethe yabancedisa abantwana ukuba babhale iincwadi, ileta ezicela ukuncediswa emalini bafunde. Abanye abantwana bakhe bafunda. Omnye waligqwetha,omnye wangugqirha

Uninzi lwabantu ekuhlaleni babengamjongele nto ngoba wayelihlwempu. Kuthe ngaminazana ithile esahleli eziphumlele kwangena omnye wabamelwane, nto leyo **eyamkhwanqisa** ngoba akazange wambona kulo mzi wakhe. Wawubeka umba ummelwane kanti ufuna ukuncedwa ngunyana katata oligqwetha ngenxa yeempahla yakhe eyathinjwayo. Uye wazama ukunxibelelana nonyana wakhe emhlanganisa nommelwane malunga nalo mba. Zange baphele abamelwane kweli khaya ngoba babangabantu abadinga nenaliti le mva nje.

Baye basebenza abantwana. Waphucuka umzi. Kwakhiwa indlu engcono enamagumbi okuhlambela. Kwafakwa iitanki zamanzi. Kwema iimoto phambi kwendlu, nto leyo yayingekho kweli khaya. Wabiyelwa umzi ngecingo olude. Wema umzi waluqilimba. Wafana namanye amakhaya. Abazali batshintsha bathi qoko ngenkangeleko. Kaloku babexhwalekile begugile ngokwenkangeleko. Latshintsha ikhaya. Yaphela indlala nabanye abantwana baqhubeka ngezifundo zabo.

Phendula le mibuzo ingezantsi

1.1 Cacisa intsingiselo yala magama ngokukhokhelwa sisicatshulwa obusimamele.

ubezele ophul' uluthi .....

eyamkhwanqisa ……..

1.2 Wayengumhlali waphi uLuyolo?.....

1.3 Nika isihloko esifanele eli bali……

1.4 Nika izinto ezimbini ezenziwa ngabantwana bakaLuyolo bakufumana imali kowabo

……

……

1.5 Ucinga ukuba utitshalakazi wayengumntu onjani? Xhasa impendulo yakho.

……..

……..

1.6 Ukuba ubusezinyaweni zikaLuyolo ubuzakubavumela abamelwane baze kwakho ngoku xa unezinto? Xhasa impendulo yakho

……..

1.7 Mfundiso ni oyifumana kweli bali?

……..

UKUFUNDA NOKUBUKELA: IBALI ELIFUTSHANE

Qwalasela lo mfanekiso uqikelele ukuba ibali liza kuthetha ngantoni.

Iminqweno emithathu

Kwaye kukho inkosikazi eyayihlala nomyeni wayo kufuphi noMlambo iHlimbitwa. Yonke imihla le nkosikazi yayilishiya ikhaya labo, ihambe iye ehlathini ukuya kutheza iinkuni. Yonke imihla umyeni wayo wayeyinika ibhotile yamanzi nokutya ukuze ibe nento yokusela neyokutya xa ingene phakathi ehlathini. Ngenye imini yayiphumile le nkosikazi, iye kutheza yaze yakhetha umthi omkhulu ukuba iwugawule uwe. “Lo uya kukulungela kakuhle kakhulu ukugawulwa,” yatsho. “Mkhulu kakhulu kwaye ndiya kufumana iinkuni ezininzi kuwo.” Yakhupha izembe layo,

yalibamba ngazo zozibini izandla zayo, yalijiwuzisela phezulu sele ilungele ukuqalisa ukugawula. Ithe xa kanye iza kugawula yeva ilizwi liyicenga ukuba iyeke.

“Ngubani lowo utshoyo?” yabuza njalo. “Jonga phantsi apha,” latsho eli lizwi, “kwaye nantoni na oyenzayo, uze uncede, nceda ungawugawuli, uwuwise phantsi loo mthi.” Le nkosikazi yothuswa kakhulu koko ikuvileyo, kodwa yathi xa ibona apho lalivela khona eli lizwi, aya kwazi nokuba mayithini! Phantsi emhlabeni, ecaleni kweengcambu zomthi, kwakukho eyona ndo da incinane eyakhe yabonwa yile nkosikazi. Yasuka yathi nkebe umlomo ikhamisile, ingakukholelwa eyayikubona. Ekugqibeleni kwaphela ukothuka.
“Ndiyakubongoza torho, nceda ungawutshabalalisi lo mthi,” yatsho le ndoda encinane.

“Ee … ndiyavuma xa usitsho,” watsho.
“Ndiyasamkela isicelo sakho. Ndingazingela omnye umthi xa lo ubaluleke kangaka kuwe.”
“Ndiyabulela. Wenze eyona nto indivuyisa kakhulu,” yatsho indoda encinane. “Unentliziyo entle kakhulu kwaye ngenxa yesi senzo sihle kangaka usenzileyo, ndiza kuphumeza iminqweno yakho emithathu, nokuba iyintoni na.” Emva koko, yanyamalala indoda encinane.
Le nkosikazi yaba ngayizingela kuzo zonke iindawo ehlathini, zange iyifumane le ndoda ingaqhelekanga.

Ekugqibeleni yakuncama le nkosikazi ukuzingela le ndoda, yagoduka. Kuyo yonke loo ndlela igo dukayo yayihlunguzela intloko, imbombozela imane ikhuza yodwa ngenxa yokumangaliswa kokwenzekileyo. Yakuba ifikile ekhaya yahlala phantsi ecaleni kwendlu ukuze iphumle, isazibuza ukuba ingaba kukho umntu obedlala ngayo kusini na. Zonke ezo ngcinga zayilambisa nangakum bi.“Ingaba sesilungile isidlo sethu sangokuhlwa?” yabuza umyeni wayo owayesuke waza kuhlala ecaleni kwayo. “Owu, hayi,” waphendula umyeni,“asikalungi. Kusasele nje iiyure ezimbalwa pha mbi kokuba silunge.”

Le nkosikazi yancwina.
“Andilambe ngako, akwaba bekukho nokuba liqathana nje lenyama endinokulitya.” Kungekuda la ewathethile loo mazwi – *thaxa* – inyama epleyitini eyayithe tshitshilili apha kanye phambi kwak he. Wakhupha amehlo aziingqanda kwanomyeni wakhe ngokunjalo.

“Yintoni le?” wabuza umyeni emangaliswe yiloo nto yayisenzeka. Le nkosikazi yamxelela yonke into eyayenzeke ehlathini kuloo ntsasa. Umyeni wayo wayijamela yaze nayo le nkosikazi yabona ukuba umyeni uthe fixi ngumsindo. Yathi yakugqiba ukuthetha le nkosikazi, umyeni wayo wangxo la ngelizwi elingqwabalala wathi,
“INTONIII? Kaloku ubufanele ukuba uye wacinga phambi kokuba uxele ukuba unqwenela ukufu mana inyama. Ugeza kakhulu, akwaba loo nyama ibinokuncamathela kuloo mpumlo yakho.” Le nkosikazi yathi ingekatsho nokuthi *hayi bo!* labe iqatha lenyama selincamathele empumlweni yayo. Yalibamba ilitsala, kodwa alasuka tu elo qatha lenyama. Umyeni naye wazama ukuyisusa. Bobabini bancedisana, batsala, batsala, kodwa zange baphumelele ukulisusa. Inyama yayincamathele nca elungqamekweni lwempuml o yale nkosikazi.

“Owu, hayi,” yatsho le nkosikazi. “Kuza kuthiwani ngoku?”

“Andazi, kodwa ifanele ukusuka,” yatsho indoda.

Le nkosikazi yaqonda ukuba kufanele ukuba nento eyenzayo kwamsinyane phambi kokuba umy eni wayo akhuphe elinye ilizwi. “Ndinqwenela ukuba le nyama isuke empumlweni yam!” yakhwa za ngelo le nkosikazi. Ngomzuzwana nje inyama yaphinda yaba sepleyitini kwakhona. Bahlala ap ho, le nkosikazi nomyeni wayo, bejamelene. Kwakungekho minqweno yimbi abanokuyisebenzisa ukuze bafumane
imali, okanye iimpahla, okanye indlu enkulu, okanye ulonwabo. Kwakungasayi kuphinda

kubekho minqweno yanto kwaphela, kodwa … okungenani babenenyama emnandi yesidlo sangokuhlwa!

Emva kokufunda hlalutya eli bali phantsi kwala manqanaba alandelayo:

Shwankathela umxholo weli bali lonke	
Abalinganiswa nokwakhiwa kwabo	
Impixano	
Isimo sentlalo	
Imfundiso	

UKUBHALA NOKUNIKEZELA: UKUBHALA ISINCOKO ESIBALISAYO

Bhala isincoko iphepha libe linye ngesi sihloko esithi "imini endingasoze ndiyilibale"

Landela inkqubo yokubhala :

- Qala ucwangcise iingcinga eziphambili nezixhasayo
- Chonga amagama ofuna ukubhalela phezu kwawo.
- Landelelanisa ezi ngongoma ngokulandelelana kwazo.
- Qaphela ulwimi, usebenzise izafobe
- Hlula umsebenzi wakho ngokwemihlathi

Qiniseka ukuba konke oku kulandelayo ukwenzile kuyilo lwakho lokuqala phambi kokuba wenze uyilo lokugqibela oluza kuba kwiveki yesibini :

- Ukucwangcisa phambi kokubhala
- Ukuyila/idrafti
- Ukuhlaziya
- Ukuhlela

UYILO LOKUQALA

IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI:

IZIBIZO:

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze uchonge zonke izibizo ozifumanayo kulo mhlathi.

ULuyolo wayengumhlali wasezilalini ehlala kunye nosapho lwakhe, ibilusapho noko olungathathi ntweni ngokwasekuhlaleni kuba belungafundanga.Bebexhomekeke kwimali yesondlo. Ubume bezindlu zeli khaya bezinika usizi xa uzijongile kwakunye nabanikazi bawo. Lo mzi ubujikelezwe yimizi ekhanyiselweyo ngokwemfundo, kwaye imihle, inombane besebenzisa oomatshini abancedisa ekukhanyiseni. Utata uLuyolo ubezele ophul' uluthi**.** Abantwana babo bakhule beyithanda imfundo kodwa abanye babo bangayi ndawo ngenxa yemali engekhoyo. Ngenxa yobukrelekrele kwabantwana ,kwavela titshalakazi ithile ethe yabancedisa abantwana ukuba babhale iincwadi, ileta ezicela ukuncediswa emalini bafunde. Abanye abantwana bakhe bafunda. Omnye waligqwetha,omnye wangugqirha

Izibizo	isimaphambili	ihlelo

UKULUNGISA IIMPOSISO

khangela zonke iimposiso kumhlathi ungezantsi wandule, ukuphinda uwubhale umhlathi ukrwelele apho ulungise khona

kwaye kukho inkosikazi eyayihlala nomyeni wayo kufuphi nomlambo ihlimbitwa. Yonke imihla le nkosikazi yayilitshiya ikhaya labo, ihambe iye ehlathini ukuya kutheza ikuni. Yonke imihla umyeni wayo wayeyinika ibotile yamanzi nokutya ukuze ibe nento yokusela neyokuntya xa ingene phakathi ehlwathini.

……..

……..

……..

……..

……..

……